

IXESHA LE BHOLA, 1889. DYER NO DYER,

BANQIKA impahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe ??? zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s	Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„ Ezilunge ngapezulu 21s	„ Ezenziwe Speshele 25s
„ Ezispeshele 21s	Bartlett's ezi Double Cane 13s 6d
„ Eziketiweyo 25s	„ ezi All Cane 16s 9d
„ Duplex Driver 30s	„ ezo Kuncotula 19s 6d
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s	Zamadoda zoku praktisa 5s 6d, 8s
„ I Eziyi Double Cane 17s	„ Dove Tail (extra strong) 9s

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d.
I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.	Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe katatu 9s.
„ extra strong 6s 3d.	„ i Catgut „ 10s.
Ezentsapo 2s 6d.	„ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s	

IZANDLA..

Zokugeina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu lwebokwe-nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha. Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and?9s. Eze Bhokwe 7s 3d Eze Buff Chamois 7s 3d. I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER.

ABANENGUBO ZAMANENE, KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa l Streleni zo mbini e pontini, amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi!



GILBERT FOX NO NYANA, Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla.

SIFUNA ??? ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba asingabakoyo nje kuko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisele, nokutumela nalupina uhlobo we ziqhamo zo zomhlaba, esesinatubata atile obulula tina kwezonto. Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke iziqhamo kwi marike zonke zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizwi yonke ebalulekileyo sine arente zetu. ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kobo ukuzinikela kuti impahla zabo, kula sihlala sine odolo ezinkulu, esiti ke saqala sitengise ezompahla zinikelwa kuti. ABATENGI bofumana ikwalilungelo kubo ukutumela i odolo zabo kuti, kuba abasindiswa kupela ingcapukisi yokuza e Marikeni, koko nokunyuka kwento ngenxa yokuhlutana ngayo kuya ncutshiswa, kuze ke kufunyanwe into e betele ngenani elingapantsi. Amanani, etu ayabukeka, enokufunyanwa ngowacelayo.

GILBERT FOX AND SON, KING WILLIAMS TOWN and EAST LONDON.

W. McGLASHAN & CO (MAGALA), E-DIKENI

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO.

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa
W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

BANTSUNDU!

Bantsundu! Bantsundu

NALI iculo lika “ Folokoco ” lingelilo Elamaqaba Umqolo we

Namba, kodwa elika Folokoco yedwa.

Lilo eli: —

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komteketiso, Ngu Folokoco, —Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'true, intengo yetu iyodwa. Ibhathi, ihempe, neminqwazi, Nebhulukwe ezisikiweyo, — Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitonga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church, King Williamstown.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLLO INGQELE, nazo zonke Izikhulane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD

KING WILLIAMS TOWN.

Mawetu! Mawetu!!

YAZINI ukuba ndivule ecaleni kwe “Kaya ” IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa.

Ako Amaculo amahlelo onke. Kuko ne Noti (Tonic So fa) ezimaculo matsha, amnandi. Elisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa ititshala, njalo-njalo PAUL XINIWE, General Agent.

King Williams Town, June 10, 1889.

Ityarike Entsha ku Bengu.

ITYARIKE yakwa Sigenu ku Bengu iyakuvulwa nge Cawa, April 6, 1890. Intshumayelo ziya kuhanjiswa nga Bafundisi base mzini. Umantyi wase Cacadu no Nkosi Dalindyebo bobolekana nge Sihlalo kusasa nangokuhlwa ko Mvulo, April 7.

J. M. DWANE.

Seplan, Askeaton, March 6, 1890.—327390

BONISANI!

KULAHLEKE e Zeleni ngobusuku bolwesi-Bini, 25 February, amahashe amabini. IMPEMVU EBOMVU, entle; NENKUNZI EBOMVU, amanqina ange mva abomvu. Olandisayo woyuzwa xa atumela ku Mr. D. Dwashu, Ezeleni, naku Rev. P. Kawa, The Kabousie Mission, Stutterheim.—724490

IMIBIKO.

KALIPA—Intwanazana esasiyizuze nge Nibidyala, 1890. Emachubeni, ibhubhe ngokuhlwa, February 17, 1890. Sinomnqweno wokuba sazise izihlobo lo Mbiko. —327390

ISAZISO.

NDIYA wasisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA, Kowie Street.

Graham's Town, 28th June, 1889.

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhlukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d Ibhlukwe ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d. Ibhathi Zamadoda—iqkunjelwe yonke, 5s 6d.

Ibhathi Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d. Isuti ezitambileyo zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s. Ibhlukwe ezingwevu zokutshata 16s 6d.

Izihlangu zabafazi 5s.

Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d.

Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s.

Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d.

Ezihlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d.

Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10 1/2d.

Ezamadoda Izihlangu ze njiroba. 6s.

Iminq wazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye. Eyofele iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanene- kazi, Mazilini, Izinxibo zokutshata ze Satini, Izigubungelo zaba Tsha- kazi, nezinye izinto.

unyama bayayitunyelwa impahla ngeposi xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

BAKER, BAKER & CO

Elobushushu Ixesha,

Elokubanda Ixesha,

Elobumanzi Ixesha.

Elokoma Ixesha,

Onke Amaxesha.

BAKER BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo,

Ingubo Ezingangenwam mvula.

Zamaxesha onke ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA!

Bhlukwe zetu ze Kodi ezi tshipu

BLANKETE, IMINQWAZI, AMA-QHINA, IZIHLANGU, NOMAQA-TENI (Shoes).

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 1/6.

BAKER, BAKER & CO. EQONCE.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setiniemhlope i-Ready-made 30/-.
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.
I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha
I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.
I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi I-SETINI E CREAM 10d nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.
I Printi ezingapumiyo 3d. nge yadi.
I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.
Ityali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

Intlanganiso yo Titshala.

KUYAKUBAKO intlanganiso yo Titsha. la ku Bengu kusana ngo April 8th, 1890 J. M. DWANE. Seplan.—33490

Iveki

UMCANCATO kaloliwe wase Ntshanga, e Natal, uza kuchitwa.

U MR. J. W. WILKINSON ufundenye sekukadala efile selonakele ngase Mgangundlovu.

UMBUSO wase Natal ugqibe kwelokuba wake Isimnari enkulu yabamnyama, eyakufundisa namashishini kwelozwe.

I FLAG ezazenzelewe ezizikolo Upper Debe, Debe, Emdizeni, Peuleni, Tshabo, zomhla we Ruluneli, zinokufunyanwa ku Mr. Weir zezo zikolo.

U MR. STEPHEN HLIKIHLA Isibonda kwa Gatyana, Transkei, ugqite e Ventersburg, O.F.S., ekufeni ko February, nomkosi omadoda 89, aya kusebenza e Klerksdorp e Rautini.

YAYILUSUKU Iwe Anivesali yo Manyano Iwe Oddfellows zase Qonce

IJAJI iya kuteta e Dordrecht ngolwesi Tatu, 26 March, ze ngolwesi-Hlanu lwayo loveki, 28 March, ibese Aliwal North.

U MR. GEORGE FINCHAM wase Queenstown umangalele Igqugula elipete indlela zalo mandla yakuba ite inqwelo yake eblayishe ihabile yaxinga eludakeni yada yawa, wagwetyelwa £5 nendleko.

INTLANGANO ye Ruluneli no Mongameli we Transvaal ibe ntsoku mbini. Ixesha lokuxoxa ngomakwenziwe ngelase Swazini litwatyululwe ngenyanga ezine kwelo kwakumiselwe kulo oko kwakuye Abatunywa.

KUDUBULE omnye umngxuma wamalahlle e Morfa e Wales ekufe abantu abamashumi asibhozo anesibhozo.

INTLANGANISO yo Nyaka ya Batunywa bentlanganiso zeziqingata za Mafama iya kuqala e Qonce ngo Mgqibelo ozaayo 22 Macha.

U MR. EVANS obaze wangumnini venkile yakwa Ngomti e Qonce, nbhnbhele e Molteno ngeveki egqitileyo.

UBUYE ngo-Mvulo weveki egqitileyo u Mantyi wase Qonce obekiweyo, kumjikelo wenyanga abewenza wokusela umoya Siva ukuba awumncedanga kuyapi kwisiroro sake sokungafumani butongo kakuhle.

INGQUNGQUTELA ya Batunywa bentlanganiso zezi qingata zendawo ngendawo be Mbumba ya Mabhulu iqale e Somerset East ngolwesi Tatu Iweveki egqitileyo, amalungu abeko akumashumi amatandatu.

NGENXA yokubambezeleka kwe Jaji e Bhai, ayibanga saya e Nyara naee Bhofolo. Isuke yase isenza umtshakazi yaze e Qonce. Ibhofolo ne Nyara seziya kuhnajelwa ekubuyeni kwayo e Transkei.

AMABANJWA ase Johannesburg amashumi mabini anesibhozo ate eyokuhlamba onda ngamasentile—lilinye elomlungu emahlanu amnyama—awabeta, at’ akukov’ ukwenjalo abaleka. Abehl’ abanjwa amane akonxiweyo, amanye ela kwantsiza. Bonke babuye bafunyanwa.

I PALAMENTE yase Natal ibizelwe ukuba ihlangane ngo 10 April,

ZIBE zinkulu kwelipakati imvula kanga. ngokuba mnke kanobom umhlaba wendlela kaloliwe pakati kwe Nelspoort ne Colesberg uhamba nzima umsebenzi kaloliwe ngeso sizato.

KUNCONYWA ububi bendlela pesheya kwe Neiba de kuye e Mzimkulu, imilambo ukungabi namcancato.

POLISA elimhlope elingu George Watson lizidubule ezibhalakisini e Rini xa belitepiti ingqondo.

imelwe Imbumba ukuba ingapumli de indawo zalo malungu zibe zezayo. Ewe, kuninzi asebekufezile e Palamente, *kodwa ziko izinto ekufuneka zenziwe abengenako ukuzenza de kube kute komelela icala labo e Palamente* Akasiso isiyata u Mr. BOTHA ukuba azityande igila ngezonto ezingena kufezwa ngabo ngapandle kokuba komelele icala labo. Nati ke asizizo izihlululu kangangokuba siswele ukuziqonda ezonto abhekisele kuzo. Eyona inkulu kwezizinto sifunwa nga Mabhulu ngumhlaba lo umiwe zizive ezimnyama ngoku. Lonto yati yavelela kwinteto eyenziwa ngu Hon. J. H. HOFMEYR e Graaff Reinet. Lonteto ubukulu bayo yayi ngabamnyama. Ute ukuyiqala kwake u Mr. HOFMEYR inteto engaba Ntsundu wayandlalela ngokuti, kutiwa Imbumba yabo ibuswele ubulungisa ngakwa bamnyama. Kutiwa seloko belinga ukuhluta i Netevu amalungelo azo. Oku konke ukukanyele u Mr. HOFMEYR, kwamandi ke ukuya ngoyintloko ye Mbumba ukuba ayisekeleze kwenza okubi kumawetu. Ute kodwa xa acacisayo ubulungisa anga ama Bhulu angabenza kontsundu, sanga nga engabuyanga awuvule umlomo Ufike atyumbe umhlaba wabamnyama, abonise mayelana nawo ubulungisa anga kungahanjiswa bona wona amabandla Embumba yama Bhulu. Kule ntloko uti u Mr. HOFMEYR, into enqwanelwa yi Mbumba yabo kukuba Umxhosa, ngokupatelele emhlabeni, amalungelo ake makalingane, angegqiti kwawomntu omhlope: Makungati Umxhosa awufumane ze umhlaba kanti omhlope umelwe kuwutenga. Lendawo ke inkulu. Siyiva tina ayinanto yimbi iyitetyayo ngapandle kokuhlutwa komhlaba kontsundu, kuba xa wonke lomhlaba umiwe ngamawetu ungacandiweyo esiti u Mr. HOFMEYR maulengalengiswe ufundenye ngonemali ngapandle kokucafula ibala, ungaba uyakuwela ezandleni zabamhlope wonke kuba ngabo abanayo imali, ontsundu akanayo. Ukuba ibilisiko elo kwakudala, ukuba uhlutwe umhlaba necda ngekuungeko nto ilungileyo kwakwelasemva ilizwe abavela kulo o Mr. HOFMEYR Kuyabonakala ukuba nakuba elona gaqa likulu lomhlaba selisezandleni zabamhlope kweli lizwe, Imbumba yama Bhulu isafuna eliqekezana lingekacandwa limiwe ngabamnyama. Uyevana umzi ontsundu? Yimbi indawo anekhonye ngayo Amabhulu yeye voti yabantsundu, esingenasituba sayo namhla.

Ezi zizohlwayo zo "gweva" (amasela edaiman) ezisand’ ukuwiswa, kanti noko ukugweva kuhambiseka kakuhle David Solomon, iminyaka 6 ; Samuel Cohen, iminyaka 5 ne £200; Harry Reens, (wake wagwetywa) £200, iminyaka 9. Umfazi ka Reens usentolongweni kwangokugweva, Bernard Stein, owayeke engu ntammani wamasela edaimani, wayeke wasentanjani ngapambili iminyaka 10; Epinosa no Domingo Leusa iminyaka 6; u John Daly, 5 iminyaka. Lo ngumsebenzi wamatyala wentsuku ezimbini.

NGO 10 March, imantyi yase Dordrecht ibibheculula umcimbi olumezayo wobudlwengu bomfana we Bhulu ongu Jan J. H. Coetzee wase Stormberg, kwi xegokazi lom Xhosa. Lomcimbi wake ulinde Ijaji.

UMHLOLI-ZIKOLO u Mr. John Samuel ukankanyeka kumandla wase Dordrecht ngoku.

U HON. F. SCHERMBRUCKER, M.L.A., Umpatiswa Mhlaba ne Misebenzi, ubeke wegxada kweli ngolwesi-Hlanu Iwegqitileyo esiya kwa Xaxazele apo ebeya kahlola imiti etyalwa ngamabhandinti, ngo-Mgqibelo usinge e Monti, wabuya wasinga e Kapa nge posi yango-Mvulo.

NGO MGQIBELO ogqitileyo amaxabiso empahla e Qonce ate ema ngoluhlobo Inkomo zokuxhela ezintle kodwa, £6 7s 6d, to £7 10s ; inkabi ezitsalayo £5, to £6 15s imazi yenkomo £5 ; inkomo-nje £2 10s. to

ESINYE sezigqibo ze Mbumba yama Bhulu ebisa Somerset East sesokuba kumiselwe umteto ukuba xa isicaka sifunyenwe sinetyala yi Felkornet endaweni yokufakwa entolongweni xa singenakuhlala masikatswe.

IVALWE ngo-Mvulo Imbumba yama Bhulu ebinentlanganiso e Somerset East.

UFIKE e Kapa ngokuhlwa kolwesi-Hlanu olugqitileyo u Sir Henry Loch ukuvela kwintlangano no President Krager e Blignaut’s Pont.

U MR. JOHN BUEKES wase Alice ulahlekwe sisine senkabi esidle urongxina pakati kwe Nggushwa ne Dike. Ezinye kwisipani zigule kodwa.

IGWANGQA elingu William Harris lase Bhai elingumsebenzi kwa Loliwe kucingelwa ukuba libulewe yi treni xa libe lilele pezu komgaqo ka loliwe.

KWASE Bhai kufunyenwe amatambo ka Wm. or James Dobson ongati wayemhlope ngendevu abesemwonyweni we Veli. Aputunywe ngababanjwa. Igqira licingela kuba wafela endlle apo.

U SERGEANT R. W. ELLIS, ndalwe komkulu ukuba abe ngum’bhali we Pasi e Kwelera kumandla wase Monti.

ITYALIKE vabamnyama eyakiwe e Maritzburg zizihlobo zomfi u Mr. F. B. Finney obengumhloli zikolo zabamnyama e Natal isakelwa ukukumbi yena iwlwe ngo 9 March, ngu Rev. W. H. Mann. Ipansti kokupata komfundisi wase Depente u Rev D. Russell.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, MARCH 20, 1890

Imbumba ya Mabhulu na Bamnyama.

NAKUBA Inggungqutela ya Mabhulu ebise Somerset East ingazibalulanga ngengeto ezigasileyo zobuhhovubhovu kontsundu, ayiswelekile yona imitshontshi yokuba impi ya Mabhulu isamema. Oku kube mhlope okunye ngecapaza lenteto yo Mongameli welo Bandla, u Hon. R. P. BOTHA, M.L.C., kwindawo ate, “Kuseko iziqingata apo asomeleleyo amadoda achasene nabo e Palamente, yaye

UMNUMZANA obeyi Ruluneli yeli ngapambi ko Sir H. Loch, unenteto ayibhale kwelinye lamapepa apesheya ngomcimbi wokunikelwa kwama Swazi kuma Bhulu. U Sir Hercules Robinson umele ukuba ama Swazi anikelwe kuma Bhulu. Siziva izizatu zezokuvisa ama Ngesi ububi kuba engawasabelanga amacebo ake oko wayeyi Ruluneli, xa wayesiti ama Swazi mawamkelwe pantsi kwepiko lo Mntan’

Impawana,

Omhle njengokuba bamkelwe aba Rolong. Uyayivuma indawo yokuba seloko abonakalisa ubuhlobo kwi Nkosazana ngokuncedisa kwimfazwe yakwa Zulu, ngokubabala uncedo kweyama Bhulu noncedo kweka Sikukuni, uti kodwa Umbandini ufike wadlala ngawo umhlaba ukuwutengisa kwi Komponi zabamhlope, akusekho u angabasafumana yona owe Nkosazana u Rulumeni ngoko maunikwe ama Bhulu. Siti tina akuko nto iyakufunyanwa nangama Bhulu. Mawayekwe azihlalele ama Swazi.

NIJENGOKUBA ingene i Palamente yapesheya, singavuya kubeko ilungu eliya kunyamkelala umcimbi wenkosi zakwa Zulu ezixotelwe kwimiqwebedu yesiqiti sase St. Helena. Ipakati lo Mntan Omhle laliyitembise i Palamente ukuba u Dinizulu nomalume wake Undabuko bayakupatwa ngenceba. Savuyiseka yilonto kuba nalemfazwe ibangenise kwesi sikata bakuso ibangwe ngamaqitala emantyi nobuqitala buka Sir Arthur Havelock, saye sixelife kwamhlamnene. Asitvala lamatshawe akwa Zulu. U Miss Colenso simqwenelela impumelelo njengokuba ewelele ukuyakuwaneka pambi kwezipakati zelama Ngesi lomcimbi.

IKHABA E LOVEDALE.

[UM-LOVEDALE.]

Umzi umi ngenyawo ngendlela zonke. Kuyakiwa, kulungiswa ezindala, kuyafundwa. Amadodana abambene ngazo, ngati kuko ukunyanisa kwiqela eliminzi. Into efunekayo yinkutazo, nemitandazo yabazali nabahlobo, ukuba wanga u Tixo angazizalela onyana nentombi apa. Abazali nezihlobo, ne Remente bayayazi na lonto ukuba olusapo lukukene apa nje lusengozini? Bayazina ukuba indawo yamatamsanga ikwa yindawo yamashwa, ukuba lomzi yintlozo enkulu apo kuhluzwa kona, apo kweliwa kona, apo kuya kwahluka inqholowa emquqini? Kuba ezimvula zina pezu kwetu apa kwezinye intliziyo zityebisa imbewu ulungileyo, kanti kwezinye zikulisa khelula lwama kwele, nama ratshi, nentswela ’mbeko? Mhlana wapuma umfana nentombazana kowabo, lomhla yayingumkosi, yayingumhla wosizi, kuba waye ngayi kona emdlalweni, kodwa wayesiya edabini. Ukuba wayemke ekaya engawazi amandla ka Satana, amandla e “sono,” amandla elizwe, namhla zonke ezonto zomvukela. Ewe lidabi, kuba kuko imiteto ekufuneka ukuba ayigeme; imiteto yomzi, nyeve klasi zake. Kuko nolunye ulungiselelo lwento zase mpfumlweni ekulitnaka azizwe. Uyakupumelela na ke lomntwana ukuba abazali nabahlobo bake bafumane balahla baza basonga izandla? Ndiyazi ukuba baninzi abazali abahleli ngenxa ngenxa yosapo olulapa, abahla inyenbezi tuti ku Tixo wabo ukuba akangele, aluse, anqake, alondolozwe. Lonyembezi injalo siya yibulela bazali betu’. Lomitandazo yenu bafundisi betu siyayivuyela. Ngamana yamkeleka ku Mdali wetu. Abakona abazali abangayenziyo lemfanelo?

Sicela imitandazo yenti, ukuba nikumbule intlanganiso yetu yamadodana yokuquba ilizwi elapa. Sicela Kanjako wozilo apa. Sicela imitandazo yenu malungu nabafuni abalapa, abakumashumi asibhozo nasitoba, ukuba banga bangakula ekuyazini Inkosi yetu.

Sicela imitandazo malunga nendawo yokukoma komongameli walomsi u Dr. Stewart ozakuhambela pesheya okwexesha elidana ukuya kupumla emva kweminyaka ekumashumi amabini anambini elapa. Ukuba nimcelele intsikelelo ehambeni yake, asinde ezingozini zonke, aze abuye abuyele kwakuti apa kule Lovedale ayenze umzi ongaka ukuba mkulu. Uyifanele imitandazo yetu ntlanga zase Afrika. Ixesha lokumka kwake liyasondela noko lungekamiswa usuku. *Akiko nto ingenziwayo-na?*

UKUBUYA UMVA KOHLANGA.

Zinkosi namanene akowetu kuko isicelo esenziwe ngu Mpeta ungene egqweteni, usenza ku mantyi wase Ngqamakwe. Liti Nkosi ndinembecko yokucelela Inkosi u Mpeta, imvume yokwalusa iqela lamakwenkwe kusitili asipetyo enze onke amasiko ko abakweta atshifise. Umantyi umfo onomoya mhle u Capt. O Connoi ufumane wakohlwa kuba evela kwa Tsolo nje ubecinga ukuti umzi ontsundu e Transkei usinga pambili. Lentlo yenziwa ngu Mpeta ibonisa uvuyo aqalo ngokusweleka kofi u Capt. Blyth. Lamasiko ati u Mpeta ngoku makabuyiswe wazama umfi u Capt. Blyth ukuba apele, ke no Mpeta ubengati akanamno yakuchasa xa kutiwa amasiko okutshilisa mkapele. Kodwa siyatema ukuba Imantyi ezipetyo kwanamadoda amakulu akuti akasayi kuvuma nasinye isicelo Samasiko olwaluko.

IJAJI E QONCE.—U Sir Jacob Barry uwuqala umsebenzi apa ngo 17 March ele Nkosazana ingu Mr. Burke. *Philip* ngokuba 23 izifusa zika Rabe wase Cenyu lemambane ite izifumene endle yayizigodusa; pofu alilayo ikaya. Iminyaka 3,—*Dumezweni* ngokuzuma e Bholo u Emma Liwani Kuswazi intwazana e 13. Ihle lento ngokuti bonke abantu balale kwinqugwala enye. Iyititise bukali i Jaji lonto, yati kuba ebegcakamele isilingo imnika 25 ikati.—*Kaleni* ngokubeta nangokupanga u *James Sinclair* ngase Cumakala. Iminyaka 3 nekati 25.—*Goniwe* elinye *Tentema* ngokwenzakalisa ngemela u Dumezweni umelwe ngu Mr. Tamplin bekusetywaleni, omnye esebenzisa amazinyo. £5 okanye 6 iveki. *Yekana* ngobusela begusha ezi 6 e Debe Nek ngo 1887, ute wabanjwa efuna ezake. 18 inyangana.—*Charles William Dohela* ngobudlwengu ku *Gertrude Sebe* intombazana eminyaka 15. 2 Iminyaka ne kati ezi 25.—*Mdoro* ngobusela eIYume begusha zika Mr. Snodgrass 17 ubemelwe ngu Mr. Blaine. Iminyaka 2, nembuyekwe ye £7 10s.—*Mimi* ngokubeka ilinye emgaqweni ka loliwe e Peulton. Ukululekile.—*F. Loiters, Tom Pike* ngokugqoboza isitola sakwa Ngomti, Loites iminyaka 5, Pike 4.

SIVE SABONA

U Rev. J. W. Stirling we United Presbyterian Church kwa Qumbu unduluka ekuqaleni kwenyanga ezayo ukusinga e Scotland ngotyetelelo. Simqwenelela indlela entle. U Mr. Stirling uzilahlele kumsebenzi wokuncedisa ihambiselo pambili yetu Bamnyama, kangangokuba ne Mvo ZABANTSUNDU zifumana umxhasi oshushu kuye, waye ezihlahlela indlela pakati komhlambi wake— into leyo enganyamekelwe bafundisi bonke, ngokukodwa abamhlope. Ngexesha angekoayo uya kubanjelwa ngu Rev. P. L. Hunter wase Maxesibeni.

Kuko inteto ebonakele kwiipepa lase Kokstad, edlavula umfundisi otile ongaxclwanga ngagama, yaye ezantsi ibekwe igama lika Nkosi Umdlango. Site asayinikela ngalelo incwadi leyo ngokuti singamnakani oyena mfundisi idla yena. Sesiqonda ngenteto ezibonakala kwamanye amapepa, nangenteto etunyelwe zizidwangube zakwa Bhaca ku Hagile, ukuba kuhleli kwinteto ka Nkosi Umdlango igxelesi obekeke kunene umfundisi u Rev. P. Hargreaves. Sive ububi ngesi sizatu kuba u Mr. Hargreaves ungumfundisi obefanele yonke imbeko ku Mampondo, ngakumbi ezinkosini zakona. Uwamele kakuhle ngamaxesha amabi angapambili; esinga lusizi ukuba Inkosi zase Mampondweni zizimisele ukulincholisla iliwa lamhla ngemvula.

Yiyo le incwadi ebhalwe zipatamandla zakwa Bhaca itutzela umhlobo wa Bamnyama u Hagile : “BAWO NO MHLobo OTANDEKAYO, —Ileta ebonakele kwikoranti yase Kokstad, ibhalwe ngu Nkosi Umdlango, isivise ubuhlungu obukulu. Asikolwa ukuba ibhalwe ngye. Yintonina ezakufikela umhlaba? Baya kutimna abatuma abafundisi? Kudla ngokutiwa umntu omnyama akanambulelo. Le leta ityebisa oko. Singaba asinambulelo ukuba asikutumeli mazwi okukubopa intliziyo ngelxesha lobuzinza kuwe noncedisikazi wako. Sikwazi iminyaka emininzi Hagile. Ati ama Bhaca xa ayeptantsi kobuzinza obukulu weza wancedisana nomfundisi wetu u Mr. White, kunye no Mr. Gedy owayese Bhencuti. Seloko saba nombulelo kuwe. Sikwazi uyindoda yoxolo. Saye sisazi ukuba bekungenjalo ngekungabangako luxolo pakati kwe Nkosi yama Mpondo ne Nkosi Umdlango. Tina kade bebesenza nawe siyazi ukuba utyoliwe. Sewozitutzela ngokuba Omkulu kunawe watyolwayo, namhla kutyolwa wena sicaka sake. Sivumile ukuba sivakalise usizi lwento Iwentliziyo, siti—Inkosi Umakaula, Inkosi Umcisana, Inkosi Udubula, Paulo Mqina, John Ngale, White Mgoboli, Petros Dikwayo, Elijah Dangwana, Timothy Mahlati, Daniel Xola, John Tondini nabanye aba 30.” Nati sitelela kulenteto sise nentjanya noko ukuba Omkulu Umdlango wobhala ukupikisa izinto ekutiwa ugxeke ngazo ixego lika Hagile elingazanga Iona bani.

Siyabon’ ukuba abahlobo beta ama Bhulu awakavutwa namahlba kuba waxoiswayo e Palamente umteto we Pasi Engqongqo, Silesa kwi Zuid *Afrikaan* ipepa elingulo mlomo wama Bhulu ukuba kwintlanganiso

???
ngu e Palamente angu Messrs. Herholdt, Botha, no van den Heever, kubeko inani labatetileyo elibe nesiroro nga Balauli ukuba bete nge Palamente yokugqibela bayumela ukuba baqutywe ngokwexesha ngu Mr. Tengo-Jabavu bawuyeke uwe umteto we Pasi.³ Siyuya ukubon’ukuba amalungu e Palamente awayohiyongana lonteto wona. Angaba ama Mpondo azakuswela ababuzeli.

Kute kwangomso wosuku olulandela eyabonakala ngalo IMVO yokugqibela eneteto *Yowase Luhlangeni.*” Engokubakala komzi kwafika isipehekhele sencwadi yolinga ukucipisa ukunchola kwabarexezi. Le mambane ite ukotuka kwayo (isotuswa sisazela) dyududu yawuposa umphunga wenteto yombhalwe betu ongabalulanga luddi lwabarexezi ebapope wonke ngabandeny. Uti: —DEAR EDITOR,—Kwinteto ebonakele kwi Mvo yezelo iteta ngokonakala komzi luxorezo, ukuba ingaba lenteto ibhalwe ngumntu ondlu yonakele ngesosizatu, ndingati ukumpendula ololonakalo lukoyo kangaka, lubangwa kwanini bonakalelwe zizindlu zenu, kuba animabantu kwanina, niti nakuba nitshatile nabafazi benu pezu kokuba nanifungele ukuti niyekuwalahla onke amanye amankazana nisuke esosifunga nisilibale okanye nisifihle kwindawo yokulibala kwenu uqale uhilize ungafuni kuhlala endlwini yako, ube yinto engenantlabisa endlwini, eiti ukuteta oku nomfazi imana ukunyhukutya ngamazwi alukuini qonda ke umfazi ngelxesha lonke usengumntu olungileyo ongahambi kakubi uzakuti ngenye imini ubuye ebusuku ati umfazi akubuzo, uti hayi bendikwanantsi kanti utsho pantsi, akuveli kona, exesheni eyamezele umfazi uzakuti akubuzo umtuke kwa esosimle sodwa sokutuka uyaqala umfazi wako uyamkohlakalisa. Umenze ukuba aqaqadeke ngakumbi kuba umtuka nje akubuzi apo uvela kona wenziwa zezantokazi zizidlele zibengezelayo zipuma ekitshini zibhasile zihamba paya. Wumbi umfazi akazali uhlah yedwa uzakuti kokuya kuhliza kwendoda, ati indoda yakupuma abambe eyake indlela kuba kaloku umfundise kade indlela zokuhliza. Uxolo Mr. Editor, nditete apo bendingafanele kuteta kona.

Inteto evela e Komani ibuzela abarexezi kwangendlela yokupendula inteto yewape Luhlangeni ifike ingenaloo igama lomntu oyitumelayo, ngako ayinakunanzwa siti. Asikukuba lifunelwa ukushicilelwa, kodwa kukuba sazi umntu evela kuye into ekwasisingqino sokuba akafeketi ngena ezingxoxweni-nje. Siyavuya kuko unxunelo ukuxwubusha lomcimbi uwwimise kakubi umzi.

Siyatanda ukubona ikhaba linobubele ukuyixoxa indawo engemvimo ati ozipumceleleyo abe nokuzixhisa ngomasebenzi anganikwa wona ngomteto wakomkulu. Yiyo le inteto yomnye:—NKOSI MHLELI, Kwipepa lako lukugqibela ndibone indawo ovusa ngayo amawunu, ngendlela nganti ukuze akwazi ukumxwela u Sir Gordon ukuba

akangewenzi malungelo afana nawenzelwa abase Natal. Uti wena makulingwe ukupumelelwa nwiwo Iwa komkula (Civil Service Examination). Ke umbuzo wam Mhleli ngulo—Singatiniya ukupumelela Andibi inteto yesi Bhulu ilindelwe ukuba ipunyelelwe kakuhle njengezinye i subjects? Ndi buza kuba asifundiswa kwi Simnari zabantsundu. Kungqibale ke ukuba umntu aziqube kwinto angazange ayibone.—OWAPESHA-KO-MBASHE.” Mazifundiswe ezizinto.

Amawetu aqalile ukucheba Isikwa-silima kubafuyi begusha ngalo mchebo kukuba inani eboyeni lingasakuba nangelifunyenwe ngo mcebo owandulelayo. E England nakwa manye amazwe ase Yuropu amaxabiso ehlike, baye nabatengi kweli lizwe bengangxamanga ukubuweza obomkhebo wokugqibela kwangokusuka kuhle inani elo Siyavelana nabafuyi ngelituba.

Amagosa entlanganiso yase Debe esibhalela ngo February 18, 1890, ati:—DEAR EDITOR Tina banyulwe yintlanganiso yomzi ??? sibe yi Komiti yokukangelela wona ??? ezisakuti zihlatyelwe umkosi lipepa lawo Imvo ZABANTSUNDU (Native Opinion), site sakukangela umcimbi obaywa ngegama lokuti Ukwaziswa Likomkulu sakuba siwuqwalasele lomcimbi safumana sifanelwe kukumvumela oka Mgjijima ngawo. Ke! tina bamagama adweliswe ngapantsi apa siyakucela Mhleli wepepa ukuba usibhalele lamazwi epepeni, awokuba siyambongoza ngentobeko yonke u Sir Gordon, ukuba yenziwe indawo yokubhengezwa kwezinto ezingati bamnyama kwintlabu.mkosi yetu IMVO. Oku siyakucela kumntan’ omhle u Sir G. Sprigg, siyakucela singazilibali indawo esabe sizibhalile kweliya pepa asizise nalo kwe Mhleli ngo January 3, 1890. Tina ke siyamvumela ngomxhelo wonke u Mr. Kapok Mgjijima ngalomcimbi, siwuvumela sisiti ukuba uyayifaka epepeni lenteto yetu, unga ungasoyifaka nalonteto sasiyibhalile kweliyapepa ledu likuwe kuba ewe sisiroro eswinesiso sodwa ke sidibene nezondawo sasizibhalile sisinga zingangena kunye zonke.—Sizicaka zaku.—Stephen Sonjica, Magwa Ma’obola no James D. Gulwa— egameni lomzi wase Debe.

Indawo yokuba ibe lenteto ayitunyelwa. nga kwisiqu sika Sir Gordon e Kapa, njengoko saye senze icebo, asazi. Ibiyakuba nesihlahla esomelelyo itunyelwe e Cape Town. Zanga nezinye izipaluka zingatelela kuba lomsebenzi mkulu. Kufuneka into engenjaleya yenziwayo oko kwaye kuchsawe Ipati-Engongqo. Kucelwe amalungu e Palamente no Sir Gordon.

INYAMAKAZI.

[ISAAC WAUCHOPE.]

Amagama enyamakazi zeli lizwe abizwe ngenteto yesi Bhulu. Ayafana ke apo nawe nkabi zenqwelo, endaka ndenza amanaku ngawo mzuzu, kwawwenkoliso yemiti. Namhla ke ndifuna ukunika abe mbalwa emingumayeli kwawe nyamakazi, ndibe ke ndilindele ukuba ati onamanye awaziyo, nokuba kuko endiposise ngawo andixelele. Kufuti ekuti kubeko hniteto yabazingeli ekufuneka iququlelwe esi Xhoseni, ibe ixela intlobo zenyamakazi ekutiwa mazingabalulwa ngamaxeshha atile emnyakeni. Ngoko ke kuyafuneka ukuba sizazi ezo nyamakazi amagama ezizwabisa ngawo ngumteto. Lendawo iyafana nale yamagama emiti, kuba nayo ibizwa ngamagama esingawaziyo emtitenwe wamahlati, into ke leyo angangena ngayo engozini umntu ngokungawazi umti ekutiwa mawungagawulwa. Inyamakazi ezizintloko zezi:—

- Buffet Inyati
- Blesbok Inxala
- Boschbok Imbabala
- Dinker Impunzi
- Eland Impofu
- Gemsbok Ilinqa
- Hartebeeste Ixama
- Klipbok Igo
- Klipspringer Iqudu
- Koodo Iwula
- Oribi Ilizala
- Reebok Iintlangu
- Rietbok Ibhadi
- Springbok Itshabanqha
- Steenbok Inqu.
- Wildebeste.....

UMSEBENZI OMHLE. — Kwicawa yesibini ku January, 1890, sivuyile ukubona ubuso belinye lama Dyakine etu apa e Rabe, elinselel minyaka esi 7 lemkaayo apa; layakuba ngumshumayeli no tishala kwa Halite kufupi ne Somerset East. U Mr. K. Vandala, lo akaqali kusihambela apa e Bhayi, mbangi yokuba oluhambo ndiluba lule, kungokuba ete namhla weza nosapo lwesikula sake, amantombazana akwishumi elivayo namakwenkwe amatatu, waye u Mrs Vandala (kuba naye wayeko) ewanxibise amageli ngokufanayo, ngeminqwazi yench (strawhats) etive tshize nge Ribbon ezi pale blue, yabukeka ngapazulu lonto; sakuya ukuba olusapo belufudula kulolwa maqaba abomvu : Kute ngamandla Enkosi, kwisituba sale minyakana imbalwa epakati kwawo, atwala igama ne yokwo yobu Kristu. Ke kute kwintsuku belapla wahambela kwityalike ka Rev. R. Johnson, ufike isikolo secawa sipakati, wamkelwa ngovuyo oluluku ngu mongameli, waselecela ukuba enze amazwana enkutaze; usuke wati (eteta Isingsi): “ Uyakutinira ukuze u Yakobu avuke??” Umsebenzi kwelazwe ndivela kulo owoko ngenzela u Mdali mninzi, kodwa into engekoyo ngabasebenzi, ukutsho ke nditi uncedo luyakulela kuni zityalike zinkulu.” Utsho kwazintloko wahlala. Kusuke umfundisi omhlope wase Nyara wati: Ngenxa yamazwi alomzalwana, andisayikuba sateta nto nento endiyakuyiteta sendoyibekela ??? zayo, lomzalwana simelene naye kuba nanku ndiva ekankanya i Somerset East, ukuti woti ukuze u “Yakobu avuke” axunywse siti zityalike zinkulu. Umongameli ucele ukuba abape ingoma, lusuke usapo lwake lwavuma u “ Come’home— Come home!” iman’ ukuli lesesha inkwenkwana ivesi ngevesi ngento emnandi, umongameli ubulele amazwi ake, wam, nqwenelela uhambo oluhle lokugoduka Umke kuse mnandi u Mr. Vandala e Bhayi kuti. Ngamana Inkosi imntwale sibuye simbone sisapilile.—P. W.

Isonto e Mdhloti, Verulam.

[e. KUNENE.]

Sekungamaveke atile asedhlule nqaqabuka ngiteleka e Mdhloti, Verulam, ngokupuzaneka, kanti ngiza kuficana kona no Mr. Robert Mashaba elinye kutiwa Ndevu, wakwela Matonga. Ngabonga u Simakade, ngoba u Mr. Mashaba lowo kade sahlukana naye soloku ndamgcina e Nxukwebe edhlula epuma e Daimane eseqonde kulo lakubo lama Tonga. Namhla ke ngiqabuke ngizitetakuye ese Mdhloti. Usuku engafikangalo e Mdhloti lapo kwaku ngu Mgqibelo. Ngakohlwa kubutshetshisa ubusuku qed’ uba ngizwe ukuti kuzata kushumayela u Mr. Mashaba ngenkonzo yantambama nge Sonto lelo. Kwasa okungaliyo, kwangatiti nelanga liyazi ukuba lusuku olutusekile lolo kiti.

Kweya kusasa inkonzo (11 o’clock a.m.) kume u Mr. Miceah Kunene, engowasemzini naye. Upete kahle ke lomfo, yapela eya kusasa inkonzo. Yatsho insimbi ntambama kwabu tapu-tapu ukungena endulwini yokusonta. Wangena umfo ka Ndevu wakwa Mashaba, umfo obukekayo, omnene, omadevu ngati waka wapata amabuto kulezinsuku zabe Lumbi. Wenza intshumayela emnandi kakulu eyikipa encwadini ka Paule kwabase Flipi ii. 9, 10, 11. Esegedile ke ukutshumayela sabona esuka ema umfundisi wakona e Mdhloti u Rev. Job Bhunga, kanti usimema ukuba size sibe kona sonke kwelakusihlwa isonto ngoba u Mr. Mashaba uyakusixelela ngenhlalo nomsebenzi kwela Matonga, — eyona ndaba engiqonde ukuyazisa umuzi wakiti. Sibuyile kwelangukuhlwa isonto ekukaleni kwensimbi, —pela manje sesinambita amate ngoba sesike seswa kwagewala nje endlimi yesonto.

